IsiXhosa/English

INkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R
Grade R Mathematics Improvement Programme

INdibano yoCweyo 10 ● Workshop 10
IsiKhokelo somBhexeshi ● Facilitator's Guide

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi lilinge **leSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education)** kunye neqabane layo eliphambili, i**Gauteng Education Development Trust**.

Ukwenziwa nokuveliswa kwezixhobo zoqeqesho nezegumbi lokufundela kwenziwe kwayimpumelelo ngezibele zenkxasomali ye**United States Agency for International Development** kwakunye ne**Zenex Foundation**.

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi ilawulwa yi**JET Education Services** ne**Schools Development Unit** yase**UCT** kunye no**Wordworks** njengamaqabane ezobugcisa.

I**Schools Development Unit** (SDU) kwi**Yunivesithi yaseKapa** (UCT) liqabane lezobugcisa kwimathematika kwiProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi. ISDU yiyunithi ngaphakathi kwiSchool of Education kwiYunivesithi yaseKapa egxile kuphuhliso lobungcali bootitshala kwiMathematika, izifundo zeNzululwazi, iLitherasi/uLwimi kunye neZakhono zoBomi ukusuka kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISDU inikezela ngeziqinisekiso zootitshala kunye nezifundo ezifutshane ezivunyiweyo zeUCT, umsebenzi osekwe esikolweni, uphuhliso lweemathiriyeli kunye nophando lokuxhasa ukufundisa nokufunda kuzo zonke iimeko eMzantsi Afrika.

IMBULELO
Senza umbulelo ongazenzisiyo:
- KwiCandelo leKharityhulam kwiSebe leMfundo laseGauteng, Izifundo zooTitshala kunye namagosa eCandelo elikhethekileyo leMfundo ngenkxaso yabo ekuveliswweni kwale mathirieli.
- Kumagosa eSebe leMfundo laseNtshona Koloni (WCED) kunye nootitshala ngegalelo labo kwimpumelelo yokuphunyezwa kweGrade R Mathematics Programme (R-Maths) eNtshona Koloni phakathi kweminyaka ka2016 no2019.
- Iqela lababhali beR-Maths: Abasebenzi kwiSDU.

Contents

Isiqulatho

Amagqabantshintshi

Umxholo wendibano yocweyo

Overview

Purpose

This is the tenth of twelve Grade R Mathematics Improvement Programme (Maths Programme) workshops, which form part of the Gauteng Department of Education (GDE) Grade R Mathematics and Language Improvement Project.

The purpose of this workshop is to continue assisting teachers to implement the Maths Programme in their classrooms. Participants will have the opportunity to reflect on their implementation of the Maths Programme and discuss their planning, teaching and assessment. They will also consider learner progress, and individual developmental and learning needs. Participants will reflect on appropriate assessment strategies for capturing learner progress. The workshop explores the content for Term 4 Weeks 1–3 and its classroom implementation.

References to the Grade R Mathematics Content Areas are taken from the *Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*: *Grade R Mathematics (Final Draft),* 2011*,* Department of Basic Education, South Africa.

Learning outcomes

♦ To reflect on the implementation of Term 3 Weeks 7–10
♦ To reflect on the use of the guiding principles of teaching maths in Grade R
♦ To deepen understanding of continuous learner observation in Grade R
♦ To reflect on informal forms of assessment in Grade R
♦ To reflect on challenges and find solutions to implementing the Maths Programme
♦ To map out the Maths Programme content to be taught in Term 4 Weeks 1–3

Workshop content

♦ Opening and reflection   (1 hour)
♦ Session 1: Observation and assessment   (1 hour)
TEA
♦ Session 2: The guiding principles of teaching maths in Grade R   (1 hour)
♦ Session 3: Introducing numbers 10 and 0   (1 hour)
LUNCH
♦ Session 4: Planning for teaching   (1½ hours)
♦ Closing activities   (30 minutes)

Amagqabantshintshi

Injongo

Le yeyeshumi kwezilishumi elinambini iindibano zocweyo zeNkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R (iNkqubo yeMathematika) neyinxalenye yeProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi yeSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education (GDE)).

Injongo yale ndibano yocweyo kukuncedisa ootitshala ukuba baphumeze iNkqubo yeMathematika eziklasini zabo. Abathathinxaxheba bazakuba nethuba lokucamngca ngokuphumeza kwabo iNkqubo yeMathematika baze baxoxe ngocwangciso, ukufundisa nokuhlola kwabo. Bazakuphinda baqwalasele nenkqubela yabafundi, ukukhula komfundi ngamnye kunye neemfuno zokufunda. Abathathinxaxheba bazakucamngca ngeendlela ezifanelekileyo zokuhlola ezizakugcina inkqubela yomfundi. Indibano yocweyo iphononongu umxholo weKota 4 iiVeki 1–3 kunye nokuphunyezwa kwawo eklasini.

Ubhekiso kwiiNkalo zomXholo weMathematika weBanga R luthathwe *kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS): IBanga R iMathematika (idrafti yokugqibela)*, 2011, iSebe leMfundo esiSiseko, yaseMzantsi Afrika.

Iziphumo zokufunda

♦ Ukuthetha ngokuphunyezwa kweKota 3 iiVeki 7–10
♦ Ukucamngca ngokusebenzisa imigaqo ekhokela ukufundisa imathematika kwiBanga R
♦ Ukuluqonda nangakumbi uqwalaselo oluqhubekayo lomfundi kwiBanga R
♦ Ukucamngca ngeendlela ezingekho sikweni kwiBanga R
♦ Ukucamnga ngeengxaki nokufumana izisombululo zokuphumeza iNkqubo yeMathematika
♦ Ukuceba umxholo weNkqubo yeMathematika oza kufundiswa kwiKota 4 iiVeki 1–3

Umxholo wendibano yocweyo

♦ Ukuvula nocamngco (1 iyure)
♦ Iseshoni 1: Uqwalaselo nohlolo (1 iyure)
ITI
♦ Iseshoni 2: Imigaqo ekhokelayo yokufundisa imathematika kwiBanga R (1 iyure)
♦ Iseshoni 3: Ukwazisa amanani u10 no0 (1 iyure)
ISIDLO SASEMINI
♦ Iseshoni 4: Ukucwangcisela ukufundisa (1½ iiyure)
♦ Imisebenzi yokuqukumbela (30 imizuzu)

Preparation

- PPT welcome and outcomes
- Familiarise yourself with all the PowerPoints and videos
- Read:
  Concept Guide, pages 14–73
  Activity Guide: Term 4, pages 22–69
- Bring the post box
- Remind participants to bring their:
  Concept Guide
  Activity Guide: Term 3
  Activity Guide: Term 4
  Poster Book
- Cut out the eight pictures of the guiding principles (Appendix B)
- Prepare one set of the number cards in Appendix C for each group

Materials

- Flipchart paper, kokis
- Prestik
- A *Resource Kit* for each group

Ulungiselelo

- PPT ulwamkelo neziphumo
- Ziqhelanise nazo zonke ii-*PowerPoints* neevidiyo
- Funda:
  IsiKhokelo seeKhonsepthi, amaphepha 14–73
  IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 4, amaphepha 22–69
- Yiza nebhokisi yeposi
- Khumbuza abathathinxaxheba ukuba beze nesabo:
  IsiKhokelo seeKhonsepthi
  IsiKhokelo semiSebenzi: 3
  IsiKhokelo semiSebenzi: 4
  INcwadi yeePowusta
- Sika imifanekiso ibe sibhozo yemigaqo ekhokelayo (Isingeniso B)
- Yenza isethi yamakhadi amanani yeqela ngalinye kwiSingeniso C

Iimathiriyeli

- Iphepha lefliptshathi, iikhoki
- IPrestikhi
- *IKiti yeziXhobo* kwiqela ngalinye

Opening and reflection

1 hour

Reflection involves thinking and talking about your experiences and what you have learnt.

Reflection on implementation

Facilitator's notes
♦ PPT: Learning outcomes of the workshop.
♦ Discuss the post box comments and feedback from the previous workshop. Remind participants to 'post' any new comments and feedback during the workshop.
♦ Remind participants of the *Take back to school task* from the end of Workshop 9.
♦ Refer participants to **Activity 1** and read through the instructions aloud.
♦ Give each group a sheet of flipchart paper. Participants complete the activity in their groups. Groups then present their newspaper article.
♦ After the presentations, summarise the successes and challenges and discuss the implications for classroom implementation.

Here is the *Take back to school task* from Workshop 9.

❗ Take back to school task (Workshop 9)

1. Use *Activity Guide: Term 3* to plan and implement Term 3 Weeks 7–10 of the Maths Programme.
2. Make notes of what worked well, what did not work well and how you resolved any challenges during your implementation of Term 3 Weeks 7–10.
3. Write comments in the book that you use to keep track of each learner's progress (learner observation book). Use the **'Check that learners are able to'** observation list (eye box) during each of the teacher-guided activities to guide your observations and comments.
4. Bring your learner observation book and the notes you made when reflecting on each day's teaching to the next workshop.
5. Bring a copy of the Term 3: Exemplar Record of Continuous Assessments (from *Activity Guide: Term 3*) to the next workshop.

👥 Activity 1

1. In your group, prepare a newspaper article on teaching and learning maths in Grade R. Use the Maths Programme and your classroom implementation of it as the basis for your article. Include the following:

Ukuvula nocamngco

Ucamngco luquka ukucinga nokuthetha ngamava akho kwanoko ukufundileyo.

Ucamngco ngokuphunyezwa

Amanqaku ombhexeshi

♦ PPT: Iziphumo zokufunda zendibano yocweyo.
♦ Xoxa ngamanqaku akwibhokisi yeposi kunye nezimvo ezicatshulwe kwindibano yocweyo engaphambili. Khumbuza abathathinxaxheba ukuba 'bapose' amanqaku amatsha kunye nezimvo ngexesha leNdibano yoCweyo 9
♦ Khumbuza bathathinxaxheba ngo*Msebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* ekupheleni kweNdibano yoCweyo 9
♦ Bhekisa abathathinxaxheba ku**Msebenzi 1** kwaye ufunde imiyalelo ngokuvakalayo.
♦ Nika iqela ngalinye iphepha elikhulu lefliptshathi. Abathathinxaxheba benza umsebenzi emaqeleni abo. Amaqela abonisa inqaku lawo lephephandaba.
♦ Emva kokubonisa, shwankathela okube yimpumelelo nokube ngumngeni kwaye nixoxe ngeziphumo zokwenza oko eklasini.

Nanku *Umsebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* osuka kwiNdibano yoCweyo 9.

⊘ Umsebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni (INdibano yoCweyo 9)

1. Sebenzisa *isiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3* ukucwangcisa nokusebenza kwiKota 3 iiVeki 7–10 zeNkqubo zeMathematika.
2. Yenza amanqaku ngoko kusebenze kakuhle, okungasebenzanga kakuhle nendlela ohlangabezene ngayo nemingeni ngethuba ukuphumeza uKota 3 iiVeki 7–10.
3. Bhala izimvo zakho encwadini oyisebenzisela ukugcina inkqubela yomfundi ngamnye (incwadi yoqwalaselo lomfundi). Sebenzisa uluhlu lokuqwalasela luka-**'Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-'** (ibhokisi eneliso) ngexesha lemisebenzi ekhokelwa ngutitshala ukukhokela uqwalaselo nezimvo zakho.
4. KwiNdibano yoCweyo elandelayo yiza nencwadi yakho yoqwalaselo lomfundi namanqaku owenzileyo xa ucamngca ngosuku ngalunye lokufundisa.
5. Yiza nekopi yeKota 3: Umzekelo weRekhodi yoHlolo oluQhubekayo (ethathwe kw*isiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3*) kwindibano yocweyo elandelayo.

👥 Umsebenzi 1

1. Kwiqela lakho, yenzani inqaku lephephandaba malunga nokufundisa nokufunda imathematika kwiBanga R. Sebenzisa iNkqubo yeMathematika nendlela oza kukwenza ngayo eklasini njengesiseko senqaku lakho. Quka oku kulandelayo:

- why maths in Grade R is important
- your successes and challenges with implementing the Maths Programme in Terms 1, 2 and 3
- strategies you used to resolve challenges.

_____
_____
_____
_____
_____
_____

2. Write the newspaper article on flipchart paper.
3. You will present your article to the other groups and answer any of their questions.

- ♦ kutheni ibalulekile imathematika kwiBanga R
- ♦ iimpumelelo nemingeni yakho ukuphumeza iNkqubo yeMathematika kwiiKota 1, 2 no3
- ♦ ubuchule obusebenzisileyo ukuhlangabezana nemingeni.

_____
_____
_____
_____
_____
_____

2. Bhala inqaku lephephandaba kwifliptshathi.
3. Uza kubonisa inqaku lakho kwamanye amaqela uze uphendule nayiphi imibuzo abanayo.

Session 1: Observation and assessment   1 hour

Observation in Grade R

Observation is an important part of the process of teaching, learning and assessment. In Grade R, the main assessment method is observation. Teachers gather information about learners during whole class activities, small group activities and free play (inside and outside the classroom). During the teacher-guided activities, your interaction with individual learners provides valuable information about their progress. By recording the learners' progress in understanding specific maths concepts in your notebook on an ongoing basis, you build up a complete picture of each learner.

Objective observation

For observation to be effective, teachers need to understand and know what to focus on.

In the next activity, you will practise your observation skills. *This is an individual activity. It is very important that you do not talk to anyone about your observations.*

Facilitator's notes

♦ PPT: Photo from **Activity 2**.
♦ Explain that in **Activity 2** participants will practise their observation skills.
♦ Read through **Activity 2** together and make sure everyone understands that it is an individual activity and not to be discussed with anyone.
♦ When everyone has finished the activity, give participants a turn to call out what they have written. Write down each observation (exactly as it is called out) and tick the observations that are repeated.
♦ Discuss the importance of being objective when observing. Make the point that teachers need to record facts (what is seen and heard) and not assumptions or opinions (what they think may be happening and why).
♦ Read through the list of observations that participants called out and discuss whether each statement is a FACT or an ASSUMPTION. Write 'F' or 'A' next to each statement. For example:
   - The learner has built a construction using rectangle-shaped and triangle-shaped blocks. **F**
   - The learner is not managing to balance the triangle-shaped blocks. **A**
   - The learner is focused on the block-building task. **F**
   - The learner in the background is very happy. **A**
♦ Participants go through their own lists, marking each statement with an 'F' or an 'A'.
♦ Wrap up the activity with a discussion about the importance of objective observation.

Iseshoni 1: Uqwalaselo nohlolo 1 iyure

Uqwalaselo kwiBanga R

Uqwalaselo luyinxalenye yenkqubo yokufundisa, ukufunda nohlolo. KwiBanga R, indlela yohlolo olungundoqo luqwalaselo. Utitshala uqokelela ulwazi malunga nabafundi ngexesha lemisebenzi yeklasi yonke, imisebenzi yamaqela amancinci nokuzidlalela (ngaphakathi nangaphandle eklasini). Ngexesha lomsebenzi okhokelwa ngutitshala, ukusebenzisana kwakho nomfundi ngamnye kubanika ulwazi olufanelekileyo ngenkqubela yabo. Ngokubhala phantsi inkqubela yabafundi, ukuqonda iikhonsepthi ezithile zemathematika encwadini yakho amathuba wonke, wakha umfanekiso opheleleyo womfundi ngamnye.

Uqwalaselo olunenjongo

Ukuze uqwalaselo lusebenze kakuhle, utitshala kufuneka aqonde kwaye azi into amakagxile kuyo.

Kumsebenzi olandelayo, uza kuziqhelisa izakhono zakho zoqwalaselo. *Lo ngumsebenzi womntu ngamnye. Kubaluleke kakhulu ukuba ungaxeleli mntu ngoqwalaselo lwakho.*

Amanqaku ombhexeshi

♦ PPT: Ifoto esuka ku**Msebenzi 2**.

♦ Chaza ukuba ku**Msebenzi 2** abathathinxaxheba baza kuziqhelisa izakhono zabo zoqwalaselo.

♦ Fundani **Umsebenzi 2** kunye kwaye uqiniseke ukuba wonke umntu uyaqonda ukuba lo ngumsebenzi womntu ngamnye kwaye awuzukuxoxwa nomnye umntu.

♦ Xa umntu egqibile ukwenza umsebenzi, nika abathathinxaxheba ithuba lokuchaza oko bakubhalileyo. Bhala phantsi uqwalaselo ngalunye (ngqo ngokwale ndlela luchazwe ngayo) ubeke uphawu lwezinto oziqwalaseleyo eziye zaphindaphindwa.

♦ Xoxani ngokubaluleka kwenjongo ngexesha loqwalaselo. Gxininisa ukuba ootitshala kufuneka bawabhale phantsi amanqaku ayinyani (okuboniweyo nokuvakeleyo) kungenziwa luqikelelo okanye iimbono (into abacinga ukuba isenokwenzeka, kuba kutheni).

♦ Funda uluhlu lwezinto zoqwalaselo ezibizwe ngabathathinxaxheba nize nixoxe ngengxelo nganye ukuba IYINYANI okanye LUQIKELELO na. Bhala 'N' okanye 'Q' ecaleni kwengxelo. Umzekelo:
  - Umfundi uyakha esebenzisa imilo eluxande nemilo engunxantathu. **N**
  - Umfundi akakwazi kuzinzisa iibhloko zemilo engunxantathu. **Q**
  - Umfundi ugxile kumsebenzi wokwakha ngeebhloko. **N**
  - Umfundi ongasemva wonwabe kakhulu. **Q**

♦ Abathathinxaxheba bajonga izintlu zabo, bephawula ngokubeka uphawu kwingxelo nganye ngo'N' okanye ngo'Q'.

♦ Qoshelisa umsebenzi ngengxoxo engokubaluleka kwenjongo yoqwalaselo.

Activity 2

Look at the photograph of two Grade R learners playing with blocks. Write down what you observe when you look at the photograph.

My observations:

_____
_____
_____
_____

Facilitator's notes

♦ After watching **Video 1**, add participants' observations to the list you recorded in **Activity 2**.
♦ Remind participants of the difference between a FACT and an ASSUMPTION. Write 'F' or 'A' next to each statement.

Video 1

Activity Guide: Term 3, Week 8, Workstation 3: Bingo game (page 150)

1. Watch the video of a group of learners playing the game, Bingo. Write down your observations of the learners.

_____
_____
_____
_____
_____
_____
_____
_____

👪 Umsebenzi 2

Jonga ifoto yabafundi ababini beBanga R bedlala ngeebhloko. Bhala phantsi okuqwalaselayo ngeli xesha ujonge ifoto.

Endikuqwalaseleyo:

_____
_____
_____
_____

Amanqaku ombhexeshi

♦ Emva kokubukela **Ividiyo 1**, dibanisa uqwalaselo lwabathathinxaxheba kuluhlu olurekhodileyo ku**Msebenzi 2**.

♦ Khumbuza abathathinxaxheba ngomahluko phakathi kwento EYINYANI nento ELUQIKELELO. Bhala 'N' okanye 'Q' ecaleni kwengxelo nganye.

🎥 Ividiyo 1

IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3, iVeki 8, Isitishi sokuSebenzela 3: Umdlalo kaBingo (iphepha 151)

1. Bukelani ividiyo yeqela labafundi lidlala umdlalo kaBingo. Bhala okuqwalaseleyo kubafundi.

_____
_____
_____
_____
_____
_____
_____
_____

2. Which of your observations are facts and which are assumptions? Go through your list and write an 'F' or 'A' next to each statement.

When we write what we **think** a learner can or cannot do, or what a learner is feeling, we are making assumptions. The only way to know what a learner is thinking or feeling, is to ask them to tell you.

Objective observation involves:

♦ describing only what you see and hear

♦ recording what the learner is doing and saying in as much detail as possible

♦ not judging – avoid giving your own ideas and opinions

♦ observing each learner regularly, in different activities and at different times of the day.

Activity 3

1. Think about your observations of *one* of your learners in Term 3. What mathematical knowledge and skills is this learner developing?

_____
_____
_____
_____

2. Refer to (3) to (5) of the *Take back to school task* from Workshop 9 (page 10).
   ♦ Discuss your use of the **'Check that learners are able to'** observation list (eye box) during teacher-guided activities.
   ♦ Show members of your group your learner observation book.
   ♦ Take turns to discuss a learner's progress. Which mathematical skills did you observe? How do you know? (What did the learner do and say?)
   ♦ Explain how you captured this information using the Term 3: Exemplar Record of Continuous Assessments.
   ♦ Did you manage to implement a differentiated approach to teaching and learning in your class. If so, how?

_____
_____
_____
_____
_____
_____

2. Zeziphi izinto eziyinyani othe waziqwalasela izeziphi eziluqikelelo? Yiya kuluhlu lwakho ubhale u'N' okanye u'Q' ecaleni kwengxelo.

Xa sibhala into **esicinga** ukuba umfundi unokukwazi okanye akanakukwazi ukuyenza, okanye indlela aziva ngayo umfundi, senza uqikelelo. Inye indlela yokwazi ukuba ucinga ntoni okanye uziva njani umfundi, kukubabuza ukuze bakuxelele.

Injongo yoqwalaselo iquka:

♦ ukuchaza into oyibonayo noyivayo kuphela

♦ ukubhala phantsi into eyenziwa ngumfundi nayithethayo ngokweenkcukacha ezicace kangangoko

♦ akugwebi – lumkela ukunika izimvo neembono ezizezakho

♦ ukuqwalasela umfundi ngamnye rhoqo, kwimisebenzi eyahlukileyo ngamaxesha ahlukeneyo emini.

Umsebenzi 3

1. Cinga ngothe wakuqwalasela kumfundi omnye kwiKota 3. Ingasesiphi isakhono esikhulayo semathematika somfundi?

_____
_____
_____
_____

2. Khangela ku(3) ukuya ku(5) ku*Msebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* osuka kwiNdibano yoCweyo 9 (iphepha 11).

    ♦ Xoxani ngokusetyenziswa kukaluka- '**Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-'** uluhlu loqwalaselo (kwibhokisi yeliso) ngexesha lemisebenzi ekhokelwa ngutitshala.

    ♦ Bonisa amalungu eqela lakho incwadi yoqwalaselo yabafundi.

    ♦ Nikanani amathuba ukuxoxa ngenkqubela yomfundi. Zeziphi izakhono zemathematika oziqwalaseleyo? Wazi njani? (Wenze ntoni kwaye utheni umfundi?)

    ♦ Chaza indlela olufake ngayo ulwazi usebenzisa iKota 3: Umzekelo weRekhodi yoHlolo oluQhubekayo.

    ♦ Ingaba ukwazile ukusebenzisa inkqubo ekhethekileyo yokufundisa nokufunda eklasini yakho. Ukuba kunjalo, kanjani?

_____
_____
_____
_____
_____
_____

Assessment in Grade R

Assessment in Grade R is used to make decisions about the best way to support each learner's development. During teacher-guided activities, whole class activities as well as other activities in the daily programme, you will have opportunities to observe learners and gain insight into their progress. This information should guide your planning for further teaching and learning.

The continuous assessment tables in CAPS and in the Maths Programme's *Activity Guides* are based on the content that has been taught each term and can be used to summarise each learner's progress during the term.

Note that skills and behaviours should be observed on several occasions so that patterns of development over time can be recorded.

Facilitator's notes
♦ Wrap up this session with a discussion about the importance of continuous observation and the regular recording of learner information as a basis for assessment.

Uhlolo kwiBanga R

Uhlolo kwiBanga R lusetyenziselwa ukwenza izigqibo ngeyona ndlela ichanekileyo yokuxhasa ukukhulisa umfundi ngamnye. Ngexesha lemisebenzi ekhokelwa ngutitshala, imisebenzi yeklasi yonke kunye neminye imisebenzi ekwinkqubo yemihla ngemihla, uya kuba namathuba okuqwalasela abafundi uqonde kwaye ubone nenkqubela yabo. Olu lwazi luya kuba sisikhokelo kwisicwangciso sakho sokufundisa nokufunda.

Iitheyibhile zohlolo oluqhubekayo kwiCAPS nez*iKhokelo zemiSebenzi* zeNkqubo yeMathematika zisekwe kumxholo obufundiswa kwikota nganye kwaye zingasetyenziswa ukushwankathela inkqubela yomfundi ngamnye kule kota.

Qaphela ukuba izakhono nendlela yokuziphatha kufuneka iqwalaselwe kwiimeko ezininzi ukuze iipateni zophuhliso zirekhodwe njengokuba ixesha lihamba.

Amanqaku ombhexeshi
♦ Yiqoshelise leseshoni ngengxoxo engokubaluleka koqwalaselo oluqhubekayo nokurekhoda ulwazi lomfundi ngokweziseko zohlolo.

Session 2: The guiding principles of teaching maths in Grade R
1 hour

Throughout the Maths Programme training, we have referred to the guiding principles of teaching maths in Grade R and how these are incorporated into daily classroom practice. Some of the principles are easier to identify and implement than others. As teachers we need to be constantly aware of how, where and when we are using these principles in our classrooms.

Facilitator's notes
♦ PPT: Figure 5, page 14, *Concept Guide*.
♦ Discuss the importance of being conscious of the guiding principles of teaching maths in Grade R and how these inform our approach to teaching. It is only when we are aware of these principles and reflect on how we incorporate them in our teaching that they become a part of how we approach our classroom practice.
♦ Divide the participants into eight small groups. Assign one guiding principle to each group. Give the corresponding picture of this principle (Appendix B) to each group.
♦ Participants discuss their principle in their small groups. They then present their understanding and observations of how their principle plays out in the classroom.
♦ The participants paste the A5 picture on flipchart paper and write their comments underneath it to share with the whole group.

Activity 4

The facilitator will assign one of the guiding principles of teaching maths in Grade R to your group. You will receive a picture of this principle.

1. In your group, discuss the following questions:
   - ♦ What is your understanding of this principle 'in action'?
   - ♦ Does the Maths Programme make it possible to incorporate this principle in your daily teaching?
   - ♦ Now that you have implemented the Maths Programme for three terms, what are your reflections on this principle?
   - ♦ How would your teaching be affected if this principle was absent from your classroom approach?

2. Paste the picture onto a sheet of flipchart paper. Write your comments below the picture so that you can share these with the whole group.

Iseshoni 2: Imigaqo ekhokelayo yokufundisa imathematika kwiBanga R

1 iyure

Kulo lonke ixesha loqeqesho kwiNkqubo yeMathematika, besibhekiselela kwimigaqo ekhokela ukufundisa imathematika kwiBanga R nendlela efakwa ngayo kwinkqubo yemihla ngemihla yokuziqhelisa eklasini. Eminye imigaqo ilula ukuphawuleka nokuyisebenzisa kuneminye. Njengokuba singootitshala kufuneka sisoloko siyazi indlela, indawo nexesha esiya kuyisebenzisa kuyo le migaqo eziklasini zethu.

Amanqaku ombhexeshi

♦ PPT: Umfanekiso 5, iphepha 15, *isiKhokelo seeKhonsepthi*.

♦ Xoxa ngokubaluleka kokuba nolwazi ngemigaqo ekhokela ukufundisa imathematika kwiBanga R nendlela enefuthe ngayo kwindlela esifundisa ngayo. Kuxa sinolwazi ngale migaqo kuphela kwaye sicamngca ngendlela yokuyisebenzisa ekufundiseni ukuze ibe yinxalenye yendlela esithi siziqhelanise nayo ngayo eziklasini.

♦ Yahlula abathathinxaxheba babengamaqela amancinci asibhozo. Sebenzisa umgaqo okhokelayo omnye kwiqela ngalinye. Nika umfanekiso ohambelana nomfanekiso walo mgaqo (Isingeniso B) kwiqela ngalinye.

♦ Abathathinxaxheba baxoxa ngemigaqo kumaqela amancinci. Baze emva koko babonise indlela abaqonda ngayo noqwalaselo ekubeni ibe nefuthe elinjani na imigaqo eklasini.

♦ Abathathinxaxheba bancamathelisa umfanekiso onguA5 kwiphepha lefliptshathi baze babhale izimvo zabo ngaphantsi kwayo babelane neqela lonke.

Umsebenzi 4

Umbhexeshi uya kunika omnye wemigaqo ekhokela ukufundisa imathematika kwiBanga R kwiqela lakho. Uya kufumana umfanekiso walo mgaqo.

1. Kwiqela lakho, xoxani ngale mibuzo ilandelayo:
   ♦ Yintoni oyiqondayo ngalo mgaqo 'xa usenziwa'?
   ♦ Ingaba iNkqubo yeMathematika yenza kube lula ukusebenzisa lo mgaqo ekufundiseni imihla ngemihla?
   ♦ Njengokuba uyenzile iNkqubo yeMathematika kwiikota ezintathu, ingaba ucamngce njani ngalo mgaqo?
   ♦ Ingaba ungayichaphazela indlela ofundisa ngayo xa ungangabikho lo mgaqo kwindlela oyisebenzisa eklasini?

2. Ncamathelisa umfanekiso kwiphepha lefliptshathi. Bhala izimvo zakho ngasezantsi komfanekiso ukuze wabelane ngawo neqela lonke.

THE EIGHT PRINCIPLES OF GRADE R MATHS

1. **The context principle.** Learning takes place in meaningful and appropriate situations.

2. **The activity principle.** Learners should be directly involved in the learning–teaching process.

3. **The play principle.** Children learn best in free-play and guided-play activities.

4. **The level principle.** Learners pass through various levels of understanding and development.

5. **The interaction principle.** Learning takes place when there is communication and sharing of ideas.

6. **The guidance principle.** Learning takes place when teachers guide learners in developing new knowledge.

7. **The inclusivity principle.** Learning takes place in an environment where everyone is welcomed, included, treated fairly, respected and can participate.

8. **The practice principle.** Learning is consolidated through practising new skills and knowledge.

1. **Umgaqo womxholo.** Ukufunda kwenzeka kwiimeko ezinentsingiselo nezifanelekileyo.

2. **Umgaqo womsebenzi.** Abafundi kufuneka bathathe inxaxheba ngqo kwinkqubo yokufundiswa kwabo.

3. **Umgaqo wokudlala.** Abantwana bafunda ngokugqibelela xa bezidlalela naxa besenza imisebenzi eyimidlalo ekhokelwayo.

4. **Umgaqo wenqanaba.** Abafundi badlula kumanqanaba ohlukeneyo okuqonda nophuhliso.

5. **Umgaqo wentsebenziswano.** Ukufunda kwenzeka xa kukho amathuba onxibelelwano nokwabelana ngamava.

6. **Umgaqo wokukhokela.** Ukufunda kwenzeka xa ootitshala bekhokela abafundi ekuphuhliseni ulwazi olutsha.

7. **Umgaqo woquko.** Ukufunda kwenzeka kwimeko apho wonke umntu amkelekileyo, equkiwe, ephethwe kakuhle, enikwa imbeko kwaye ethathe inxaxheba.

8. **Umgaqo wokuziqhelisa.** Ukufunda kuqukunjelwa ngokuziqhelisa kwizakhono ezitsha nolwazi.

IMIGAQO ESIBHOZO KA GRADE R MATHS

25

Session 3: Introducing numbers 10 and 0   1 hour

Introducing number 10

Facilitator's notes
♦ PPT: Summarise information below.
♦ Discuss the base 10 number system that we use. Emphasise that in Grade R learners only need to work with and understand the numbers 0–10. (**Activity 5** is for enrichment. It is not intended for use in Grade R classrooms.)
